IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 26, 1885 [No. 43.

Iveki.

U-VERY Rev. F. H. Williams, D.D., umfundisisi walotyalike inkulu imi esazulwini so strata e Rini ububе ngomso wo Mgqibelo, 22 August.

NGEVEKI engapaya siva ukuba kune imvula enkulu e-Ngqushwa. Yaba sipango.

U-REV. PROFESSOR POSTMA, M.A., wase Bekesdorp ukululwe ekuvalalweni kuba ebenengqakaqa. Ipelile kweso sitili okwangoku.

KUKO inteto yokuba intlanganiso yabafundisi abantsundu besitili sase Rini iyakubase Heald Town ngenyanga engu November.

IPEPA lase Dayimani livakalisa ukuba iqela lamanxila antsundu life zingqele kwelo ngoku beke kwabanda.

Amagosa e "Mvo" mawazitumele inkozwana aselezibutile, azikaulezele angekazibuti kwangoku.

U-MR. SCHERMBRUCKER, Umpatiswa Misebenzi yakwa Rulumeni, uyakuka alike e-Qonce ngeziveki zizayo. No-Mr. Sprigg ulindelwe e-Monti.

IMPI entsundu esebenza kwi klem zo De Beer e-Dayiman iwukalele umsebenzi. Imbangi ayikavakali.

NGOLWESI-TATU Iweveki epelileyo kulwe e-Mzimkulu izizwe ezibini za-Mabaca. Kufe isitandatu samadoda. Isizekabani asika- vakali.

KUVAKALA ukuba u-Mahdi ongu Khalifa Abdalla, obetabate isikundla salo ubesi liwa na Mangesi e-Jeputa ufe ngesipitipiti ebesiko e-Khartoum.

U-MR. GRIER unocanda wakwa Rulumeni selefikile e-Monti ukuza kulungiselela ukuqalwa kwalendlela izakusuka e-Cawa idlule e-Monti iyekuma ngokungena kwe Nciba elwandle.

NGU General New degate ekutiwa uzakutabata indawo ka General the Hon. Sir Leicester Smyth yokupata Imikosi yenkosazana kweli.

Abanezikweliti kwi-"Mvo" mabazihlaule kwangoku ukuze kupele inkatazo namaxhala. Abonganyelwe nga Magosa kuvulelekile ukuba bahlaule kuwo, xa batandayo bayitumele ngokwabo apa e Qonce. Imali itunyelwa ngamapepa ase Post Ofisi.

INDABA ezimbi ezivela e-Congo zezokuba izidla-bantu zelo zibosile abamhlope zabadla.

INGQAKAQA embi kunene kuvakala ukuba ivelile e-Qumbu ku-Mampondomse. Seihle abantu abamashumi mabini anamnye sekufe isixenxe. Kutiwa bako nabanye abafayo.

AMANENE abefudula ese Natal ase London ngoku abenentlanganiso nepakati le nkosazana ngo 28 July ngendawo yokuba elakwa-Zulu lipatwe yi nkosazana.

AMANGESI acela Ukumkani wase Abysi- nia ukuba aye kukulula ababo abase Kassala kwelase Jeputa.

U-MR. ROBERT FARQUHARSON omnye wamadoda a-Bepete Ibanki yase Munster kwela-Mangesi evalwe ngekupela kwemali uzimele. Kufumaneka imali elahlekileyo iku £70,000.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, AUG. 26, 1885

UBOYA.

IXESHA loboya selibuya likufupi. Esiti ke sakukangela kumanani apantsi ayakufunyanwa ngoboya ngakumbi uboya apa obungcolileyo, oburabaxa, obunokwekwe, sifumane ukuba kuyimfanelo yetu ukuba siqononondise kubafuyi bakowetu imfuneko yokuba babulungiselele ngendlela efanelekileyo uboya babo.

Umkumbulo wetu ngowokuba lamaxabiso apantsi akoyo ngoku kwela-Mangesi abangwa buninzi bengubo esezenziwe ngenye indlela, nakusweleka mhlaimbi kwentengo yengubo zoboya. kwanomoya wokurweba. Soka sipose linye ngeyokuqala indawo esiyikankanyileyo, kuba ezinye zipumle pezu kwayo. Kukuhlelelek i koboya obuvela kweli oku kubange ukuba amaxabiso ehle kwela-Mangesi. Lenyaniso soka siyiqwalasele ngezantsi.

Yona into yokuba ininzi impahla eseyenziwe ngoboya imi-poqo namayelana nezinye izinto ezingebubo uboya, ezinjengengubo nokudla; umenzi mpahla ke ubonakala esaneliswa ngamaxabiso apantsi embuyiselo. Kunjenjenjeke ubani, mhlaimbi ilizwe elitengisa ngento ehlelelekileyo aliso kubamba nesisila sehobe. Liqalo elidala elinyanisekileyo lase mlungwini ukuba into etengwe kakuhle itengiswa kakuhle; kukwanyanisekile ukuba into elungiswe ngobugcisa kuqinisekile ukuba iyakutengwa. Into ebange ukuba elilizwe libonakale njenge sidodo xa litelekiswe namanye kukuba into eveliswa lilo ayilungiswa kakuhle, ukunga lungiswa koboya kona kude kwapuhla; iyinto eselibonakele kuwo onke amadoda acingayo le yokuba ukuba abantu belilizwe abafuye igusha ababulungisi uboya bayakuqabuka exesheni kungasenaxabiso lini ukufuya igusha kungasayi kubanga ukuba bafumane nempilo le ngako; neyonanto itunyelwa leli lizwe kwamanye iyakutshabalala de kuvuke amadoda ayakubusebenza ngenyameko uboya.

Asisakuteta kuyapi ngesenzo sabafuyi begusha e-Palamente sokucasa umteto wokunyanzela ukuba ubani azihlambe igusha zake zingabina lukwekwe. Elobakala aliqiqeki naku-Mangesi, akusakusiza Into ukuba silahle amazwi ngalo. Sifanele kodwa ukuba salate kwinto yokuba ukwekwe luko kakulu ezigusheni, uboya ke buya busonakala ngakumbi. Into eyakukulula kukuba wonke umfuyi wegusha asebenze imini nobusuku lude lupele kanye, kuba yiyo lento kanye ebanga ukuba uboya belilizwe bunga fumani amaxabiso anobom kwimisito yase England.

Besesitshilo kwasentloko ukuba yonke yona into ebuboya yehlile emaxabisweni—yehle ngohlobo engazanga ihle ngalo ngenx' engapambili. Obelilizwe bona budlulisele kubo bonke. Mbangi yoko ngenye indlela kukuba kuvele uboya bese Mazantsi e-Amelika obungxamele ukubugxota kanye obeli kwimisito obebutengwa kuyo, ngokusuka bucokiswe. Ngalenteto singa singanyhanyhatela ezingqondweni zabafuyi begusha bebala letu into yokuba—babuye babulungise uboya ukuze bufumane indawo yako yangapambili. Oku kunokwenzeka, sinyanisile, kuba sisazi ukuba uboya obuhlanjiweyo obebutengiswa ngabantsundu ngeminyaka edlulileyo beli lase Maxoseni nakwela Mamfengu bebunqwenelwa kunene butengwa ngamaxabiso atyalileyo. Omnye umtengi woboya kulomzi uti uboya abebutenga kwabantsundu ngezomini bebufumana amanani amakulu kwi marke yapesheya kolwandle—engasateti ngobakwa Qoboqobo nobase Tsomo. Uti uboya begusha zabamnyama bude exesheni batengelwa ukuze butunyelwe kwimisito yela Majermeni ngenxa yokucokiseka kwako. Lento yayifaneleke kanye. Yeha, konke oku akuseko kuba amawetu engahambanga ngalomgaqo ngoku buhlamba nokubuhlela obutambileyo kobungqangqasholo. Bona uboya xa igusha zingenalo ukwekwe buse bobuya budala. Ngoku beke sahambela kwelipezulu sazibuka kakulu igusha zamawetu : into ezintle, zimnyama zirabaxa ezinye—kodwa ubuninzi bunoboya obuhle obomeleleyo obufuna inkatalo kodwa xa buhlanjwayo ukuze bufumane awona maxabiso andeleleyo. Bambi abafuyi ungafika bexela Amabulu ukuteta, besiti : —akukonto bahlauleka yiyo namhla basukuba betabate inkatalo yokubucokisa uboya, kuba ivenkile ezibutenga kubo zibanika ixabiso elilinganayo ngobubi nobuhle. Singa singalata indawo yokuba kuko imposiso kulenteto. Kungaba yinyaniso mhlaimbi ukuba umntu otengisa ngesiqunyana soboya obuhle kanye ufumana ixabiso elingagqitileyo, kuba oboboyana bumele ukufakwa evolsakeni kunye nobunye obukwa buncinane obungebuhle bube ke ngoko buyaduka, kodwa ibhali, mhlaimbi onomgcana abaliqela boboya obuhle betengiswa ingaba ngummangaliso ukuba abafumani ixabiso elinobom; abangati ke abantu besitili esitile behlangcne bazwinye ngendawo yokuba babucokise uboya balo mandla wabo, zibehle zibonakale iziqamo zokulanga koko. Eli lixesha lokuba nabani azamele ukufumana ipeni yokugqibela ngento yake.
Make amawetu azame eliqinga. Mazihlanjwe ngenyameko igusha. Umninizo abeko xa zihlanjwayo angawuyekeli lomsebenzi kumakwenkwe nemidungela. Zihlanjiwe mazingangeniswa ebuhlanti lomhla, mazilale 'pandle zicetywe ke ngosuku olulandelayo. Uboya oburabaxa nobunokwekwe mabufakwe kwingxowa eyodwa, bungadityaniswa nobuhle obutambileyo. Kwenziwe oku siqinisekile ukuba ixabiso loka liti tyi. Make avumelane amadoda esitili esitile azibopelele ngelokuba akasakutya akasakusela ade abe oku akufezile. Ukuba awafumani xabiso kwivenkile zangapandle, mawaze abutumele kwi Marke yoboya nezikumba apa e-Qonce, botengiselwa ngo Mr. JOSIAS HOWARD no Mr. TREMEER ngemfanelo. Inene, abasokuzohlwaya kuba bekwenzile oko. Kanti ke noko sisati ivenkile zingabanika amaxabiso nangapandle, kuba zisazi ukuba kulilungelo lazo ukuba zitengise ngoboya obuhlambululekileyo. Uboya obubi ngelixesha lokuceba lizayo abusokufumana nto ngapaya kwe 3d. ne 4d. nge ponti. Sonke sihlwempuzekile nonyaka, kodwa ngamnye makenze imigudu yokufumana idobilityi yokugqibela ngento yake. Siyatemba ukuba elicebo liyakwamkelwa zizinonopu zakowetu ukuze zifumane imbuyiselo ngemizamo yazo neli lizwe lilungelwe. Ngelinye ixesha soka senze mabini matatu ngendlela yokufuya intlobo zegusha ezinganoncedo kumawetu.

Ezababaleli.

INGCATAWULA YE-TI. Engcobo, 7 August, 1885.

NKOSI YAM.—Ndifakele lemigcana elu- hlwini Iweminye yamanene. Kulusizi ukuva ngempato ka Mr. S. awayifumana kwa Ndlovukazi. Samvela kunene. Kuko ndawo ingaqondakaliyo, ukuba iyinene lenteto yake, yokuba ati, ngalo- mhla awubalulayo, yana imvula, nditsho noko indawo le ingaguquli isenzo, ukuba sake senzeka kuye. Ngamanye amaxesha lukolisa ukuti ababantu bano calucalu ngezizinto kanti ngamatshawe angenandawo angasoze akatazwe ndwendwe, imizi yawo ngumoya. Siyagxotwa nati emizini nakwizikolo ezikulu ezingange- sase Lesseyton umbali mapepeni endaba, ngokwazi ukuba ezizinto azinakuba zingabiko. Kwa Ndlovukazi ungagxotwa kulendlu wamkelwe kule, nakulo Mr. S. no Mr. Motaung. Bokuti bugqalwe ka- kulu ubunyaniso benteto enjengale "Inteto ayinjengakwenza."

UMGCINA.

ISIMEMO.

MHLELI,-Ndiyakucela ukuba undi- fakele kwelopepa lakowetu. Undixolele ngenxa yokuba ndigudle wena.

Ndiyacela kumanene namanenekazi alamkelayo elipepa lakowetu kuba na- mhlanje sesinganeno kancinane ekubeni sigqibe unyaka kwelipepa lingumteteleli nomvusi womzi ontsundu. Nditi amanene namanenekazi makandilekele kwesisicelo ndisicelayo ku Mhleli sokuti makati *cwi* umgcana kwelipepa lakowetu, wabantu abalamkelayo elipepa kube kanye ekupe- leni komnyaka. Ndinimemela indawo enjalo ke bamkeli belipepa. Ndincediseni ukuze esisicelo siqine nomhleli angabi nandawo yakusipepa, ngokuba ngokuse- nza kwake eyakuba ukutaza ngakumbi nangakumbi.

Yelekani ke mzi ontsundu. Ndingowenu wonapakade, M. KINASS. Mount Ayliff.

METSHO NGOKUQALEKISA ! Zanyokwe, 14th August, 1885.

NKOSI YAM ETANDEKAYO MR. MHLELI WE "Mvo."—Ndinyamezele ngokufu- manela ibala kwelo pepa lako lidumileyo lemigcana yam imbalwa. Ndifuna uku- posa izwana libe linye, namabini, malu- nga nenteto eselinexesha ibonakala kwi

Sigidimi *Samaxosa,* exubusha *Imvo* ; nga- kumbi, ipumelene no Mhleli (Editor) wazo. Andazi ukuba umhlambi lendawo uyiva njanina wona. Indawo yokuqala emandingene kuyo, ligama lelipepa kuliwa nomhleli walo ngu *Sigidimi.* Igama lalo *Zimvo Zabantsundu, oko kukuti, ubani* wonke ontsundu unalo ilungelo lokuba ati into ayicingayo ezimveni zake ayityile iviwe ngumzi ontsundu nomhlope nonjani. Akukatalekile nokuba imvo ka- banina injanina ngam, uvumelekile ukuba ayise ku Mhleli wemvo oyakuyi- faka epepeni elenzelwe kanye kona oko. Umntu owafunwayo ke ukuba enze lomsebenzi ngumntu ontsundu owaza- nayo nemvo zomzi ontsundu. Igama lake ngu John Jabavu, owazimisela ukuba uyakunyaniseka amaxa onke ekuwuqubeni kwake lomsebenzi; waye elindeleke kuye wonke ubani, ukuba, anyaniseke ukuzifaka epepeni zonke incwadi ezitunyelwa kuye ngababalelani be *Mvo.* Angati ukuba akakufezi oko limiselwe kona elipepa, kungabiko bunyaniso budlulisele nganto kobo Mfarasi;

naye abonakale njengexoki kuti tina mz'untsundu,

Indawo yesibini asikuko nokuba ndimangalisiwe kukuva namhla u *Sigidimi* ekalaza ngenteto ezisiwa ngababaleli be *Mvo* epepeni. Fan'ukuba uzilibele ngo- kumangalisayo inteto zi *Sigidimi* ezisusela kwi 1870, kwada kwakwi 1884; nakuba ndingasayikubalula nteto kabani engati imxhele u *Sigidimi* ukuze aqonde ukuba lisiko lo Mhleli wonke ukuyifaka epepeni yonke inteto yencwadi yombaleleni we pepa elo ngalinye nokuba ibusi nokuba irara akukataleki, nokuba iyakutika ixuxu- zele ematunjini alowo isingiswa kuye ngulowo ungumbali wayo.

Bendiyakuke ndimkumbuze ibenye nambini u Mr. Editor *Isigidimi* kwinteto ezihlazekileyo kanye nezifipalisa ingqondo kuye olangazelela no " Tandazela uxolo Iwe Jerusalem" nempumelelo yomzi ontsundu. Andinakukwenza ke oko kuba umoya wam asingowokusixoxa esisikuni, ngowokusigalela amanzi ukuba sicime lupele oluqumbi nezintlantsi oka Jabavu zimququmbelayo. Kuba sendibona ukuba the old lady *{Sigidimi)* is pretty warm. Wonke ote ukuteta akati "Unyanisile *Sigidimi,"* angaba uyakucanabeka kwelobandezi lezintla- ntsi agqatseke kuzo ke oka Jabavu.

Ndibe ndiba mna inteto efakwa epepeni ngalinye yaye ipendula enye inteto kukubateti bengxoxo ukupicota ubunyaniso nobuxoki benteto leyo kabani kude kweyisane inyaniso zodwa ingebubo nobuciko bamazwi neziqalekiso zababa- lelani. Ndiba mna kufuneka indoda leyo ukuba izimise zilandelelane ziroze zidwele iziganeko eyigiba ngazo inteto ka Mr. Sibani, ukuze naye enjekwanjalo ukuzipendulela u Mr. Sibani lowo. Angagaleli amalahle eziqakekiso neziso- ngelo nokuba sekunjanina, ngokungati kuko bunyaniso ahlonele ukuba hleze bavele xa ate wahlala emgaqweni wenene raca ezingabiyelwe zakuselwa ngumsindo njengokuba kunjalo kwi *Sigidimi.*

Indawo yesitatu ndiba u-Sigidimi wa- gcoba wagqakada mhla wemka u Mr. Jabavu e Lovedale wada wati uvuyela ukuba namhla umenzi we-Mpawaua (***) *e-Sigidimini* emkile kuba bezingafuneki nganto. Okwenene ke azabonakala " I- mpawana " *e-Sigidimini;* kanti sisalahla amagxulusha, ukuze ziti zivela namhla zibe zitiwe gqubutu ngesigubungelo njengomtshakazi sokuba zinga Mabal'e- ngwe, endaweni yokuti uxolo mfo ka Jabavu saqala sapololoza ngokucukuceza umsebenzi wako kanti sibuye sabona ukuba asinakupumelela nati ngapandle kwawo. Kulungile ukusivuma isiposo ngapezu kokusigquma ngenye inyembe yesiposo.

Indawo yesine ndingati inteto ebonakele e-Mabaleni engwe kwi-Sigi- *dimi* salenyanga ihlazeke kangangokuba akangeze wakolwa umntu kwakuba kusitiwa eziziqalekiso zipuma kumfo ka Gqoba noka Bokwe abongamele amabala engwe. Abebefanele ukungamlandeli oka Jabavu maxa alahlekayo ngalo- ndawo bati upambukile ebuntwini ngayo. Lamazwi anamhla apambuke ngapezu kwesenzo sika Mr. Editor *Imvo.* Oko umhlaba ubusamiwe ngama Xosa inteto eqalekisayo njengale yanamhlanje ibihlanganiselwa umzi ibuzwe ipandwe isizekabani sayo.

Nanamhla, nakuba umhlaba lo ungasa petwe ngama Xosa, upetwe ngu Yesu, siva esiti kwayena " Maningaqalekisi kodwa nitamsanqelise " nakulowo uzilu- ngiselele ubumpi nawe. Abuye ati kwayena " Nibe niyivile inteto eyasingi- swa kumanyange eti osukuba esiti kokayise nkewundini umelwe lityala."

Inteto enje ngale ingade ipume ku Mr. Gqoba na? Andimbali kakulu noko lo ka Bokwe kuba ngumntwana, akasazi isitete sama Xosa sokuvela kwawo kuba ukulele e-Lovedale. Nditi kona oka Jabavu onile angade aqalekiswe ngolu- hlobona? Nakona ngumntu okumbule- lekileyo njengo Mr. Gqoba? Uyazi u Mr. Gqoba ukuba tina ma-Xosa *kuko* amazwi angefumane atetwe ngumntu opilileyo komnye. Anjengokuti " Ngakuti qa—ngahlelana kuti kuti. Azi unantsilo angaze abonwe yinina abone selebekise amanqundwana pezulu." Mayipele inteto enje ngale; imbi!!

Yanga I Nkosi ingaku Mangala ikugcine mfo *ka* Jabavu; upumelele kulomsebenzi, kanjako unyaniseke ngokuzandlala imvo zomzi ontsundu. Ndixolele ukuba nditabate indawo ebanzi epepeni lako elinqa- be kunene. Mauze ungahatahati ngenxa yezingxobotshane. Elopepa wongamele Iona asililo elobugqoboka. Sinalo elakwa Tixo u *Sigidimi* esosingisa kulo maxa siteta ngezakwa Tixo. Elo lelezinto zolawulo zamalungelo omzimba. Ngoko *ke* yifake inteto eziswa kuwe nokuba ivela kubanina iya kubanina. Sifuna ukubava o Rev. Dr. Stewart maxa bapalaza imvo zabo malunga nati midaka, kwanjengo- kuba siyazitakazela imvo zo Mr. Love- dalian nezinjengezo Mr. B. we *Journal kwanezo* zabafo base Cape Town. Unga- shinti nento wena. Tulula uqongqo- tele.

Abantu abayakukuxelela wakuba upambuka siti mhlambi untsundu. Wena upetwe siti kwanjengokuba no *Sigidimi* epetwe wapila ngati. Akusokuva ngaye ukuba wonile nokuba ulungisile sinina, kotsho tina kuwe nakuye. Ungazidubi ke ngaye asivumelani tina neziqalekiso zake. Nxhe, taru, nkosi yam, ngolutyukata, kodwa lufake lonke. Ndim owako futi.

Hlala uhleli Mr. Editor *Imvo,* NTABA KA NDODA.

UMBUSO KANJAKO.

NKOSI YAM MR. EDITOR.—Kaundifa- kele esisijungqana senteto ndifuna uku- bekisa lamazwana ku Mgcina. Yati imbongi yakwa Gcaleka kudala:

" I'so lam liyabona ndikude,
Kuba liwabon' amazants' e-Qwaninga
Nguban'ot' a-Mahala ngamadoda, Intw'
ezimbilin' uzelintenetya Soml' umlungu
simgqibe *Kant' a-Magcin' angase mlungwini,*
Kant' a Mabomvane agamanqanaba.

Ndiyakolwa ukuba u-Mgcina ungu- mntu oti xa kuhluta yena abe bonke abantu bayahluta, xa konwabe yena abe bonke abantu bonwabile, xa into inge nziwanga nguye aye nziwanga, xa kunga- lili yena akuko mntu ulilayo. Njengo- kuba kungayanga yena e Cape Town ngezikalazo zaba Tembu akuzange kuye mntu, kungeko nazikalazo, nje ngokuba u Mzalwana o tile wayebadla e tolongweni kwa Mqanduli ngenxa yokuba waye ngenguye uMgcina ngoko ke akuko mntu waye se tolongweni kwa Mqanduli.

Ndiyapela,

MKOLONI.

Inteto ka Mr. J. K. Bokwe ebipendula um Lovedale indikumbuze into ebihlala itetwa lixego lakuti xa umntu azamela into ize imoyise kubonakale ukuba noko kunjalo unxamile. Libe lisakuti, 'Intam- b' emtutshan' ayibopi' kute ukoyiswa kuka Mr. Bokwe yenteto yom Lovedale ndanga ndingati hlala Mzalwana intambo emfutshane ayibopi.

AMATILETILE OMTSHATO.

MNUMZETU.—Kwipepa lako lomhla wa 29 *ka* July, *kuko* incwadi yo "Mboneli," asibalisela kuyo inqubo yomtshato *ka* Mr. P. Xiniwe wase Bayi. Kuyo *kuko* lamazwi: " Emva kokuba abatshati behleli ngapezu kwe half-an-hour, wangena umfundisi u Mr. E. J. Barrett, akuba eputunywe sisigidimi sesibini. Ndinosizi ukuti asaneliswanga yihambiso yake yonke ngokunxiba ukungacokiseki kwake;" ekubonakala *ke* ngawo ukuba zibini iziroro zo " Mboneli" ngo Rev. E. J. Barrett: 1. Kukubagcina abatshati ixesha elide, belinde ukufika kwake. 2. Kukungazicokisi *kwake* naxa ede weza.

Sinake bangawaziyo lomcimbi wonke, sakuzilesa ezi zikalazo zo " Mboneli," siti *ke* singe singazi ukuba, Wayazisiwe na *kwa* ngezolo u Mr. Barrett ukuba kuko umtshato oyakubako ngomso ngexa elitile, nokuba abo baza kutshata banga bangatshatiswa nguye? Kaloku yena u Mr. Barrett uyazi ukuba, abantu abasu- kuba beza kutshata, abanyanzelwe ukuba batshatiswe ngumfundisi oku londawo; abe *ke* waye ngazi ukuba kulindelwe kutshatise yena.

Ukuba *ke* ngaba waqutyulwa, asima- ngalisekile tina ukuba kubeko ezi zikala- zokuba kaloku, angati kanti waye nomsebenzi awayewenza, ekwa kufuneka ewugqibe *kwa oko,* esingaba *ke* isigidimi eso safika sele wuqalile. Ngokungazi- cokisi *kwake,* makabe wati ngokuva ukuba abantu kumzuzu bemlindile, wa- bona ukuba makangabi sababambezela ngokuzicokisa, maka sele hamba kwa

Okokuba kodwa ngaba wayetyelweu Mr. Barrett fcwa ngemini ehgapambili ngomtshato lowo, makube *ke kwakuku* buza *kwake ngesenzo, okokuba,* Nizo, ku- funa nto nina kum apa bantundini bantsundu, bekonje abafundisi bakuni? Yinina kodwa ukusuka nibe soloko nitene nca nati Belungu, naxa ninabo abafundisi bebala lenu ? Anazi na ukuba kulindelwe ukuba baxaswe nini aba ba- fundisi bantsundu? Yinina ukuba ziti ipenana ebezifanele ukuya kunceda ama- hlwempu abafundisi bohlanga Iwenu, nisuke nibe soloko nihamba ninunusa ngazo kubafundisi abamhlope, abaxaswa ngokwaneleyo ngamawabo ? Kulihlazo na nina kuni bantu bantsundu ukutshati- swa kwa ngomnye umntu wakuni ontsundu? Akuna mntu untsundu ungati uqabukile, akuna mntu untsundu ufundi- leyo, wombona ekotsozela ukuya kumfundisi omhlope emshiya owa kowabo engenanto ayenzayo. Nike nibone wupina u Mlungu esiva kucela ukutsha- tiswa ngumfundisi ontsundu? Nanku- nje u Rev. P. Mpinda kufupi apa e Peuleni; bekunanina nakuya kucela yena, engumfundisi osele tshatisanje? Safa kukucekisana kwabantu abantsundu!

Kuko uhlanga olwaka Iwacekisana na?

Nditike, angati kanti u Rev. E. J. Barrett, ngalento kutiwa wayenza, akalaze- Iwa ngayo ngu "Mboneli;" abe waye bonisa abantu base Annshaw ukuba yena akateni nemitshato yabantsundu, kanjalo yena umangalisiwe kukubona abantsundu bemana ukushiya ababo abafundisi be- sukelana na Belungu. MANGALISO.

ABEMBA U LOLIWE E-DAYIMANI.

NKOSI YAM,—Ukuza kwam apa ndeza nempi yakuti, ndinomnqweno wokuqo- nda ubunyaniso besiroro samakowetu ati ayatyiwa kuloliwe, kufeketwa ngawo kanjalo.

Ndinosizi novuyo ukuti andikabufu- mani ubunyaniso besosiroro endoyipalaza ndakugoduka kuwo onke amakowetu akwindawo ngendawo—oko kukuti ndisapikisana nesosiroro ngokwangoku.

Impi yase Gala ibinecawa enkulu leva yemka nam, ipetwe ngu Mr. Madevu intshumayelo edale ubuhlungu. Enve into ubunxila obulapa andizange ndibu- bone, nditemba ukuba andisayikupinda Ngamini itilo kwafa amadoda amane yaza yangumlungu owesihlanu butywala. Ndinovuyo ukuti kwimpi ka Mr. Levey Imantyi yase Batenjini, andikalami' namnye esela, mhlaumbi enxila. Ngamini itile umfana wase Cala wayakutenga evenkileni kwasweleka isheleni waza wati umlungu andinakukunikanto yimbi ngapandle kwe glass yotywala. Bayawati abanye abantsundu nika tina mfondini.

Wati yena andifuni kubulala mntu wa- kuti ngoko ndiyipa wena mlungu. Andifuni kudanisa isibonda setu kunye ne Mantyi yetu, yatsho yapuma indodana.

Ndim,
DUNCAN S. MAKOHLISO.

IMPATO YE-NXUKWEBE.

NKOSI YAM ETANDEKAYO,—Kaundifa- kele lemigcana yam imbalwa kulo mvaba yakowenu. Noko andimntu waka wakukataza nganto, yinto izingile andi- nakuyinyamezela; bendikade ndiyiva ndada ke ndazibonela ngokwam.

Ezizinto nditi ndizivile ndazibona zezi 1. Kuko mfihlo apa yetyalike ebitate udodana lonke olufunda e Nxu- kwebe (amasimnara) yalwenza olwavo ngokuti lozuza inqubeleko esino-esini

Ngamalutshane ke Nkosi ayibonakala- nga leyo nqubeleko, kwaye ngapezu koko besiti akuko bani ize imhlutise lentshu- mayelo. Yintoke leyo ebange isidubedube wati wonke ubani obelapo ngolwe 2 August ngokuhlwa wayibona into ngamehlo ukuti umshumayeli esele sesikwe- Iweni andululwe ngu Rev. W. Holford umpati wama simnala. Ngoko kuhlwa wati akukubako nkonzo e Jubilee kuba kaloku ama Simnala eyibaleka leya imfihlo yake ye tyalike kuba inendlala. Yinto ke leyo u Mr. Holford wasuka wanga uyi pete ngesandla intloko, wati akungena efuna ukukupa udodana olo, ukuba luye kulo mfihlo yetyalike yake, Iwala, wada wafikelela ngentupa kakuhle indodana, " wena wabona ingonyama nempuku" uvakele esiti kulula ukuba asicite ngoku esisikolo. Mandi yeke noko kujinga kuba lento inde isiqalo sayo sisukela kwakwi nyanga ezintanda- tu ezidluleyo.

2. Umzi untlantlo mbini kuba kwati kwavela lemfihlo nje eyona tyalike yase Nxukwebe ayisento seyilipempe. Yinto engasatshixwayo, into entanda kupela, lantsimbi ibiya ibetwe ukungena kom- fundisi seyagqola, kuba kaloku yaqawuka ayabi salungiswa.

Elinye icala kule Tyalika alisa hlalwa bam kuba ifestile zawa zonke akuseko nanye, kuti kwa kubako nokuba ngu- moya, lo ufike abantu bemi ngenyawo bonke kuba kaloku uyangena wonke Apo kwakuko ubunewunewu besitulo sebefundisi paya ngapakati kwentedelezo,
sekuhleli i xekexwana apa elingena ndawo
neyokweyama; kuba zonke zasiwapaya emfihleni.
Ndobona ukuba iminyaka yoba mingapina lomzi umi.
Ndiva kusitiwa nendlu yesi kula yinto apa enetayo, idlavu, into engento.
Ndixolele mhleli ngokugqiba indawo
yamanene ndizishiva zonke ezinye izinto ezingumangaliso ekaya.

Mandikushiye,
NDINGUMHAMBI.

Heald Town, 4 August, 1885.

Amanqaku,

Ngokububa kuka Very Ker. F. Wil-
obeyt Dean of Grahamstown, kudlule indoda ebibalaleke kunene. Ngumfo obete ngokuyimela kwake into ayimeleyo, nango. bnoiko bake wabanga ukoba abe nentshaba kwinto zentlalo, ezisuke zasezitiya isiqu Bake, nakubeni zona bezingajonge kulonto. Tina lomfo Dr. Williams besimncowa kunene ngokuma kreake yedwa intweni zengxozo xa eeleyibonile into ngokwake yodwa. Asi* tanga eingqinelane naye emicibini yoianlo. Nakubeni ibiognmfo obnciko nomatsdla ahlala etshutshiswa nkucinezela ontsundu, asiqeqeshelwanga ukuba sesimtiya umutu ngezozizain. Ngokoke amalanga sivuye akabona etahutahiawa engeniswa etnatya. leni ngento ezibambo ubunkungu, esisati tina , zizo ezibango ukuba afike katneinyane ka- ■ ngaka kwisipelo sake. Asitsho ukuba u Dr. Williams nbengenazo ezipaku esimilweni kodwa akuko nabani ougasindayo kupiooto olupeleleleyo awagqatseka knlo umfi u Dr. Williams. Asitinto ngamapike abekuwo I ngemicimbi yoramente, nabete wayintloko yawo kwanele ukuba sibale olwetn uluxo ngemnye yamadoda amagatna ayakusala e- * balini leli lizwe.

■ ELASE Bekesdorp lenze intento ende ngenteto apa eyasingiswa kuti sisigidimi sesingesi ease Dikeni. Kwinteto yalo epolileyo liti: " Ipepa apa labamnyama *Imvo Zabantsundu* zisandukuti ogezimini zenze umcebenzi omblc ngoknvakalisa ezona ndaba zi. yinyaniso ngokuhambisekayo pakatl kwaba i mnyama; kotlwa singe singabuza kulowo nzoogameleyo ngokufanelekdeyo ukuba lilona eli ixesha lokutetela ukuba abantaundu bafnodiswe isi Grike nezi Latine kuye. kwe ezona zinto ziluncedo aknko matanda imfnndo yeyona nto ioyusa abantu nobn Kristu, kodwa njengokuba Amangesi atabats ixesha elide ukuze abeyinto ayiyo, aba. hlobo babantsundu abanakulindels uknba bafikelele ku Mangesi ngeminyaka emashumi mahlanu nelikulu.

NGATI bekungalungayo isigidimi Samangesi ease Dikeni sizihluzile inteto zaso kuba zipulapulwa kunene. Akuko nto inje. ngokubu *Intro* zimelo indawo yoknba abantauodu bafundiswo ioteto ezo zasemzini; lenteto yanzelwa nkuza kwenzakale igama letu kuluntu oliogapaudle.

U-Mr, DUSCAN Makohliso uwuncedile umzi ngokuvakaliea intlaulo yamadoda awaya kusebonza kwele Dayimani. Uxela nkuba zipeliswa ezanto ubo nrora ngazo umzi kulo. [1] loliwe oya e Alvani. Tyapile.

LENCWADI ingezase-Lusutu esaziyo ama- wetu ayatanda kunene ukuziva:—

,

Morija, 6th August, 1885.

Nkosi: yam mhleli we Mvo: Ndinga ungaudirnmela ukuba ndifake amazwaua am epepeni lako.

E Lusuthu apa asikuko nokuba siblele ngosizi olukulu ngokubona nkuba liyaku tshabalala elilizwe lakowetu. Into ezibangele oko butyalwa bobelnngu (ibrandy). Ngokwenono yiyo i *Brandy;* iyatsbisa, izi. tsbisile ingoondo zenkosi zaae Luentu, zi- > pelite ora. Aku seko nyaniso noknlungu. . Abantu bayabulawa nokobengenatyala, ku. [tiwe bayatakata, ba sliwe itnpabia zabo noko 1 kungeko tyala. Knsanda kubnlawa abantu i abatatu umntu nonyana nomhlobo wake. [Kutiwa isizatu butakate inkosi unyana ka Pushnli agama lingo Chopo kantike n Chopo I lowo nbulewe knkusela i *Brandy* kaknlu. Leyonto n Colonel Clarke, iaitunywa senko- eazana, isivise ububtungn obnkuln. Ute kn Letsie loyo nto azo ayiqonde ukuba iya kumblisela ingozi nalo lonke ilizwe lase Lusutu.

Mandi pele nkosi yam ndi ngakn katazi kakula ngezindaba znse Lusntn.

Ndingo wako ngetnihla yonke,

D. KAL/AKA.

Siyaknblala savuyiswa kukuva ngotnhlobo wets n Mr. Kalaka ngendaba za.ee Lnentn.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

E-QONCE (Aug. 25).

Inyama yenkomo, Id to 4d ngoponti
„ yego-ha, 2Jd to ngeponti Ibotolo, 1/6 to 2/11 ngeponti Amaqandn, 1/ to 1/1 ngedazini Jbabile, 3/6 to 5/2 Itapile, 4/ to 6/ ngekcln U tn bona, 12/9 to 13/6 ngeknlu Inknkn, 9d iuyo Xoriuji, 2/ to 4/ ngeknlu Ibran, 6/11 ngenxowa Inkuni, 5/ to 28/ ngeflara

E.K0MAN1 (Aug. 25).

Ihabile, 6/ to 9/ ngeknlu Ibotolo, 1/7 to 3/6 ngeponti Amaqanda, 1/3 to 1'9 ngedaziui A^te^ba, 27/ to 30/ ngenxows , 26/ to 28/ ngenxowa
Iruff -/to 17/ ngenxowa Ibran, 7/6 to 8/ ngenxowa Itapile, 11/ to 18/ ngenxowa Amatanga, 6/ to 8/ ngedazini AtnatBwele, 15/ to 18/6 ngenxowa E.RIXI (August 24). Ibotolo. 1/6 to 2/ ngeponti fraai, 12/ ugepxowa Sbran, 6/ ngenxowa Atnaqanda, 1/4 to 1/8 ngedazini Ihabile, 3/3 to 3/6 ugekuln Amazimba, 23/ to 24/6 ngenxowa Tkalika, 1/3 to 1/4 ngenxowa Umgubo, 25/6 ngenxowa Umbona, 12/3 to 13/ ngeknlu Ihabiie imbewu, 12/ to 13/ ngenxowa Itapile, 8/ to 10/ ngenxowa loknni, 14/ to 25/ ngeCura

E-MONTI (Aug. 25).

Atnaq[a]bda, 1/4 to 1/9 ngedazini Ibotolo, 2/9 to 3/9 ngeponti Ibran, 8/6 ngenxowa Itapile, 5/ to 8/ ngenxowa Umbona 12/ to 14/ ngekuln Ihabile, 3/6 to 4/6 ngekulu Inkuni, 5/ to 15/ ngefiara Irasi, 6/6 to 7/6 ngekulu Amatanga, 4/6 to 7/6 ngedazini

a moment it might be well to look back and consider how they and you, Sir, received a training which fitted you and them for the filling of such important positions in the public service as you have been called upon to fill and the varied races you have been called upon to rule and administer justice among, from—I may say—Cape Point to Umzimkulu. Was it not the training you received in being placed over our native peoples, that has brought so many great and good men to tbe front in lndia, Cape Colony, and throughout the possessions of the British Empire. I

Native Opinion

WEDNESDAY, AUG. 26,1885.

OUR NEW MAGISTRATE.

